

20 Meyi 2022

Mhlekezzi/Nkosikazi Obekekileyo,

**UVAVANYO LWEMPEMBELELO KOKUSINGQONGILEYO NASENTLALWENI (ESIA) LOHLOLO
OLUPHAKANYISWAYO LOKUBHOLWA KWEQULA KUBHLOKO 5/6/7, KUNXWEME LOMZANTSI-
NTSHONA, EMZANTSI AFRIKA**

**ISAZISO SOKUFUMANEKA KWENGXELO YOMISELO-MDA ESAYILWAYO UKWENZELA
UKUPHONONONGWA NEZIMVO NESIMEMO SEENTLANGANISO ZIKAWONKE WONKE**

I-TotalEnergies EP South Africa Block 567 (Pty) Ltd (“TEEPSA”) ifake isicelo kwiSebe Lezimbiwa Namandla (DMRE) sesiGunyaziso sokusiNgqongileyo (EA) ukuze lenze uhlobo lokubholwa kwequla kwiBholoko 5/6/7 cebu kuhle Nonxweme loMzantsi-Ntshona woMzantsi Afrika. UMmandla woMdlala ucebu kuhle malunga naphakathi kweKapa ne-Cape Agulhas, malunga nama-60 km ukusuka kunxweme olukweyona ncam yawo ikufutshane kubunzulu bamanzi obuphakathi kwe-700 m ne-3 200 m.

Isicelo se-EA senziwe ngokuvumelana nemimiselo yoVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo yango-2014 (ehlaziyiweyo), ebhengezwe ngokoMthetho woLawulo LukaZwelonke lokusiNgqongileyo, yango-1998 (No. 107 yowe-1998)

(ehlaziyiweyo), nanjengoko le projekthi ephakanyiswayo ibangela ezi ntshukumiso zilandelayo zidwelisiweyo:

- Isaziso soDweliso 1 (R.983 yango-2014 esihlaziyiweyo): 14, 17, 19A.
- Isaziso soDweliso 2 (R.984 yango-2014 esihlaziyiweyo): 4, 6, 7, 14, 18.

I-SLR Consulting (South Africa) (Pty) Ltd (“SLR”) iqeshwe njengeNgcaphephe yoVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo (EAP) ukuba yenze inkqubo ye-ESIA yale projekthi iphakanyiswayo. Le nkqubo inenjengo yokuchonga ize ivavanye impembelelo esenokubakho kokusingqongileyo nasentlalweni, ize ichaze amanyathelo okunciphisa oku, apho kunokwenzeka, ukuze kuphetshwe yaye kuncitshiswe impembelelo embi ebalulekileyo kokusingqongileyo nasentlalweni, ize idlulisele inkcazelo efanelekileyo kwi-DMRE ukuze yenze isigqibo esisekelwe kolu lwazi.

UKUFUMANEKA KWENGXELO YOMISELO-MDA ESAYILWAYO UKWENZELA UKUPHONONONGWA NEZIMVO

Inkqubo ye-ESIA ivulela amathuba aliqela okuba uwonke wonke anikele ngezimvo, oko kukuthi isiGaba soMiselo-mda nesiGaba soVavanyo lweMpembelelo. I-ESIA ngoku ikwisiGaba soMiselo-mda apho inkqubo yokuthatha



SLR Consulting (South Africa) Proprietary Limited

Registered Address: Suite 1 - Building D, Monte Circle,
178 Montecasino Boulevard, Fourways, Johannesburg, Gauteng, 2191
Postal Address: PO Box 1596, Cramerville, 2060, South Africa

Reg. No: 2007/005517/07

Vat No: 4630242198

Johannesburg Office: Physical Address: Suite 1 - Building D, Monte Circle,
178 Montecasino Boulevard, Fourways, Johannesburg, Gauteng, 2191
Postal Address: PO Box 1596, Cramerville, 2060 Tel: +27 11 467 0945

Cape Town Office: Physical / Postal Address: 5th Floor, Letterstedt House,
Newlands on Main, Cnr Main and Campground Roads,
Newlands, Cape Town, Western Cape, 7700
Tel: +27 21 461 1118

inxaxheba, ukuchonga iimpembelelo ezinokubakho iqwalaselwa ngokubhekele phaya. I-SLR iqulunkqe iNgxelo yoMiselo-mda Esayilwayo, efumanekayo kangangeentsuku ezingama-30 ukwenzela amagqabaza nezimvo ukususela nge-**20 Meyi ukuya kwi-20 Juni 2022**. Oku kunika ithuba lokuba amaQela anoMdlala naBandakanyekayo (I&APs) anikele izimvo malunga nayo nantoni na ephathelele le projekthi iphakanyiswayo nokuchonga iimpembelelo ezinokubakho ukuze zihloliswe ngokubhekele phaya kwisiGaba soVavanyo.

likopi **zengxelo epheleleyo noShwankathelo Olungenabucukubhede** ziyafumaneka kwezi ndawo zilandelayo ebudeni bexesha lokunikela izimvo:

- Iwebhusayithi ye-SLR (<https://www.slrconsulting.com/en/public-documents/TEEPSA-567>).
- Iwebhusayithi engafuni i-data (<https://slrpublicdocs.datafree.co/en/public-documents/TEEPSA-567>), efumaneka kwifowuni ene-internet ngaphandle kokuhlawula i-data.
- Imimandla ebhalwe kwiBhokisi 1.

UShwankathelo Olungenabucukubhede lukwafumaneka kwiiwebhusayithi ezikhankanywe ngasentla **ngesandi esirekhodiweyo**. Uxwebhu lochwankathelo olungenabucukubhede namazwi arekhodiweyo ziyafumaneka ngesiNgesi, i-Afrikaans nesiXhosa.

IBHOKOSI 1: IINDAWO APHO INGXELO YOMISELO-MDA ESAYILWAYO NOSHWANKATHELO OLUNGENABUCUKUBHEDE ZIFUMANEKA KHONA UKUZE IPHONONONGWE

Ummandla	Igama lesakhiwo	Iadresi
Ingxelo epheleleyo iyafumaneka:		
E-Saldanha	Saldanha Public Library	Municipal Building, Berg Street, Saldanha
E-Kapa	City of Cape Town Central Public Library	13 Parade St, Cape Town City Centre, Cape Town
E-Gordons Bay	Gordon's Bay Public Library	Watt Street, Gordon's Bay
E-Hermanus	Hermanus Public Library	66 Duiker St, Hermanus
E-Struisbaai	Struisbaai Public Library	Corner of 1st Avenue & Deining Avenue, Struisbaai
UShwankathelo Olungenabucukubhede lufumaneka:		
E-Port Nolloth	Port Nolloth Public Library	Harbour St, Port Nolloth
E-Hondeklipbaai	Kamiesberg Municipality	83 Dolphin Street, Hondeklipbaai
E-Vredendal	Doringbaai Public Library	37 Kerk Street, Vredendal
E-Lamberts Bay	Lamberts Bay Public Library	44 Church Street, 8130, Lamberts Bay
E-Elands Bay	Elands Bay Public Library	Main Road, Elands Bay
E-St Helena	St Helena Public Library	26 Columbine Crescent, Britannica Heights, Saint Helena Bay
E-Velddrif	Velddrif Public Library	Voortrekker Road, Velddrif
E-Stilbaai	Stilbaai Public Library	Municipal Building, Main Road West, Stilbaai
E-Mossel Bay	Mossel Bay Public Library	99 Marsh Street, Mossel Bay

Ummandla	Igama lesakhiwo	Iadresi
E-Sedgefield	Sedgefield Public Library	12 Flamingo Street, Sedgefield
E-Knysna	Knysna Public Library	2 Memorial Square, Knysna
E-Plettenberg Bay	Plettenberg Bay Public Library	Sewell Street, Shop 29, Mervills Shopping Center, Plettenberg Bay
E-St Francis Bay	St. Francis Bay Municipality	Assisi Drive, St. Francis
E-Jeffery's Bay	Jeffrey's Bay Municipality	33 Da Gamaweg, Jeffrey's Bay

ISIMEMO SOKUYA KWIINTLANGANISO ZIKAWONKE WONKE

Simema bonke abachaphazelekayo ukuba beze **kwiintlanganiso zikawonke wonke** ezidweliswe kwiBhokisi 2. Iinjongo zentlanganiso yeSiGaba soMiselo-mda zezi zilandelayo:

- Ukwabelana ngenkcazelo ephathelele le projekthi iphakanyiswayo, i-ESIA nenkqubo yokuthatha inxaxheba kukawonke wonke, kuquka nophononongo olukhethekileyo oluphakanyiswayo ukuba lwenziwe ebudeni besiGaba soVavanyo lweMpembelelo.
- Ukuze ii-I&AP zibuze imibuzo, ziphakamise imiba eyinkxalabo, zinikele izimvo eziphathelele le projekthi iphakanyiswayo nokunceda ukuphawula imiba efanale iqwalaselwe ebudeni be-ESIA; nokuba
- Ii-I&AP zinikele izimvo kwiNgxelo yoMiselo-mda esayilwayo nophononongo olukhethekileyo olufanele lwenziwe ebudeni besigaba sovavanyo lwempembelelo.

IBHOKISI 2: IINTLANGANISO ZIKAWONKE WONKE

No.	Ummandla	Indawo	Umhla (2022)	Ixesha
1	E-Saldanha	Dialrock Community Hall Albatros Street, Saldanha	NgoLwesithathu, 1 Juni	Lokungena: 15h30 Lentlanganiso: 16h00
2	E-Hermanus	Sandbaai Hall Corner Jimmy Smith and Main Road, Sandbaai	NgoLwesine, 2 Juni	<i>(Phawula: Ubude bentlanganiso bulindeleke ibe ziyure ezi-3 ukuya kwezi- 4)</i>
3	E-Kapa	Cape Town International Convention Centre (Ballroom West) Convention Square, 1 Lower Long Street, Cape Town	NgoLwesine 9 Juni	
<p>UKUBHALISELA IINTLANGANISO ZIKAWONKE WONKE</p> <p>Nceda ucofe apha (https://forms.microsoft.com/r/TjbmUu51A) ukuze uzalise ifomu efunekayo ukuze ubhalisele ukuya kwezi ntlanganiso zikawo nke wonke.</p> <p>Nceda ubhalise ngaphambi kwangoMvulo, 30 Meyi 2022.</p>				

Ukubhalisela ukuya kwiintlanganiso zikawonke wonke

I-SLR ne-TEEPSA bazimisele ukwenza ngokuvisisana nemiyalelo nemiqathango yoMthetho wezeMpilo kaZwelonke, 2003 (No. 61 ka-2003), njengoko uhlaziyiwe, ukuxhasa injongo karhulumente yonqanda nokulawula ukuvela kwakhona kwe-COVID-19. Sithetha nje, imimiselo yezempilo ehlaziyiweyo ithi zonke iindibano zivunyelwa ukuba zibe nabantu abayi-50% yomlinganiselo weendawo eziza kuba kuzo.

Ngenxa yoko, sicela ngokuzithoba ukuba abo baza kuba nenxaxheba kwintlanganiso BABHALISELE ukuya kwiintlanganiso zikawonke wonke (jonga iBhokisi 2 ukuze ubone iinkcukacha zobhaliso). Abathathi-nxaxheba kwintlanganiso abangabhalisiyo ukuya kwiintlanganiso zikawonke wonke baza kuncedwa ngemini yentlanganiso kawonke wonke kwindawo yentlanganiso kuxhomekeka ukuba ngubani ofike kuqala de kufikelelwe kumkhamo oyi-50% wendawo leyo.

Imimiselo ye-COVID-19 eza kusebenza kwiintlanganiso zikawonke wonke:

- Ukucoca izandla ngesicoci.
- Ukunxiba imaski.
- Ukungasondelelani.

ISIMEMO SOKUNGENA KWINTLANGANISO NGE-INTANETHI (NGOKUBONAKALAYO)

Singathanda kwakhona ukumema bonke abachaphazelekayo ukuba bangene **kwintlanganiso nge-intanethi (ngokubonakalayo)**. Nceda **UBHALISELE** ukungena kwintlanganiso nge-intanethi (iinkcukacha zobhaliso zikwi Bhokisi 3). Kuphela ngabathathi-nxaxheba kwintlanganiso ababhalisele ukungena kwintlanganiso nge-intanethi, abaya kufumana ilinki yokungena kwintlanganiso.

IBHOKISI 3: IINKCUKACHA ZENTLANGANISO EKWI-INTANETHI (NGOKUBONAKALAYO)

Inkqubo	I-Microsoft TEAMS
Umhla	NgoLwesibini 7 Juni 2022
Ixesha	16h00
<p>UKUBHALISELA INTLANGANISO EKWI-INTANETHI</p> <p>Nceda ucofe apha (https://forms.microsoft.com/r/TjbmcUu51A) ukuze uzalise ifomu efunekayo ukubhalisela intlanganiso ekwi-intanethi.</p> <p>Nceda ubhalise ngaphambi kwangoLwesihlanu, 3 Juni 2022.</p>	

NOTE:

- Ukuze ungene kwintlanganiso ekwi-intanethi, akufuneki ube neakhawinti ye-Microsoft TEAMS. Noko ke, kuza **kufuneka ube nonxibelelwano lwe-intanethi olusebenzayo okanye idata ukuze ube nenxaxheba.**
- Ukuba ufuna ukungena kwintlanganiso **ngesixhobo esiphathwayo**, kuza kufuneka **udawunilode i- Microsoft TEAMS mobile app.**
- Ukuze ufumane iinkcukacha ezingakumbi ngendlela yokujoyina iintlanganiso ye- TEAMS ngekhompyutha (usebenzisa i-Microsoft Edge okanye i-Google Chrome browser) okanye isixhobo esiphathwayo nceda [ucofe apha](https://forms.microsoft.com/r/TjbmcUu51A).

Intlanganiso iza kurekhodwa ize ifakwe kwiwebhusayithi ye-SLR nakwiwebhusayithi engafuni idata (iinkcukacha zibonelelwe ngezantsi).

UMHLA WOKUGQIBELA WOKUFAKA IZIMVO KWINGXELO YOMISELO-MDA ESAYILWAYO

INgxelo yoMiselo-mda esayilwayo luxwebhu lokuqala lokufaka izimvo ebudeni benkqubo ye-ESIA. Izimvo kwiNgxelo Yomiselo-mda esayilwayo zifanele zifike e-SLR **ngaphambi kwangoMvulo, 20 Juni 2022** usebenzisa iinkcukacha zoqhagamshelwano ezingezantsi.

SLR Consulting (South Africa) (Pty) Ltd

Iadresi YePosi: 5th Floor, Letterstedt House, Newlands on Main, Newlands, 7700

Ifowuni: (021) 461 1118 **WhatsApp / SMS:** 063 900 5536

I-Imeyili: TEEPSA-567@slrconsulting.com

IWebhusayithi Ye-SLR: <https://www.slrconsulting.com/en/public-documents/TEEPSA-567>

IWebhusayithi Engafuni I-Data: <https://slrpublicdocs.datafree.co/en/public-documents/TEEPSA-567>

Zonke izimvo ezifunyenweyo ziza kudityaniswe zize ziphendulwe kwiNgxelo yeZimvo neMpendulo, eza kufakwa kwiNgxelo yokugqibela yoMiselo-mda. INgxelo yokugqibela yoMiselo-mda iza kufumaneka kwiwebhusayithi ye-SLR ngenjongo yokufumana inkcazelo.

Ukuba unayo nayiphi na imibuzo ngokuphathela oku nceda ungathingazi ukuqhagamshelana neQela Labo Babandakanyekileyo abasayine ngezantsi.


Ozithobileyo,

I-TEEPSA-567 Iqela Labo Babandakanyekileyo

Ukuzibophelela kwe-SLR malunga nokhuselo lenkcazelo yomntu buqu:

Ngokubhaliswa kuvimba wolwazi weProjekthi, ugunyazisa i-SLR ukuba (1) igcine ize isebenzise iNkcazelo yakho Yobuqu njengexalenye yovimba wolwazi loqhagamshelwano lwale kunye/okanye lwezinye ii-ESIA, (2) iqhagamshelane nawe malunga noku kunye/okanye ezinye iinkqubo ze-ESIA, (3) ixele inkcazelo yakho kumanye amaqela agunyazisiweyo ngenjongo ezisemthethweni, (4) iyiphicothe ngenjongo ezisemthethweni, (5) nokuba iyuquke kwimbalelwano ezifumaneka kwiiNgxelo ze-ESIA.

I-SLR ayisayi kusebenzisa iNkcazelo yakho Buqu, ngaphandle kwangendlela evunyelweyo okanye efunekayo kwiinkqubo ze-ESIA okanye njengoko kufuneka ngokoMthetho okanye yinkqubo karhulumente. I-SLR iya kusebenzisa amanyathelo okhuseleko asengqiqweni, nafanelekileyo ukuze ikhusele iNkcazelo yakho Buqu, nokuthintela ngokusengqiqweni nawuphi umonakalo, ilahleko, okanye ufikelelo olungagunyaziswanga okanye ukuxelwa kweNkcazelo yakho Buqu, ngaphandle kwangendlela olufunwa ngayo yinkqubo ye-ESIA okanye njengoko kufuneka kuwo nawuphi uMthetho okanye kwinkqubo karhulumente. Ungacela ukuba iNkcazelo yakho Buqu icinywe kuvimba wolwazi weProjekthi okanye izimvo zingafakwa kwiiNgxelo ze-ESIA nanini na ngokuqhagamshelana ne-SLR. Noko ke, uyaqonda ukuba i-SLR (kunye nawaphi na amaqela agunyazisiweyo) asenokungakwazi ukuyicima okanye ukuyitshabalalisa ngenxa yezizathu ezingokwasemthethweni zenkqubo karhulumente. I-SLR iza kukunika izizathu.



**UHLOLO OLUPHAKANYISWAYO LONXWEME KWIBHLOKO 5/6/7,
YONXWEME LOMZANTSI-NTSHONA, EMZANTSI AFRIKA**

**IFOMU YEZIMVO NGOYOLO LWENGXELO YOKUKHANGELA
NGOKUPHELELEYO**

IGAMA / UMNTU ONESIVUMELWANO			
IGAMA LEQUMRHU			
INKCAZELO YEQUMRHU (Ummandla woMsebenzi)			
IDILESI YEPOSI			
IKHODI YEPOSI		INOMBOLO YEFEKSI	
INOMBOLO YOMNXEBA		INOMBOLO YESELI	
I-IMEYILI			
UMHLA		ISANDLA (TYIKITYA)	

NCEDA UNIKELE NGEZIMVO NGEPROJEKTHI ECETYWAYO NANGYOLO LWENGXELO YOKUKHANGELA NGOKUPHELELEYO NGEZANTSI (sebenzisa amaphepha angezelelweyo njengoko ufuna):

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

Nceda ubuyisele iifomu ezizalisiweyo kwi SLR:

Idilesi yeposi: 5th Floor, Letterstedt House, Newlands on Main, Newlands, 7700

SMS / WhatsApp: 063 900 5536 I-imeyili yeprojekthi: TEEPSA-567@slrconsulting.com

Ukuzibophelela kwe SLR malunga nokhuselo lolwazi lomntu buqu:

Ngokubhaliswa kuvimba wolwazi weprojekthi, ugunyazisa i-SLR ukuba (1) ilugcine ize ilusebenzise uLwazi lwakho Buqu njengenxalenye yovimba wolwazi loqhagamshelwano lwale kunye/okanye lwezinye ii ESIA, (2) iqhagamshelane nawe malunga noku kunye/okanye ezinye iinkqubo ze ESIA, (3) ixele ulwazi lwakho kumanye amaqela agunyazisiweyo ngenjongo ezisemthethweni, (4) iluphicothe ngenjengo ezisemthethweni, (5) nokuba iluquke kwimbalelwano ezifumaneka kwiiNgxelo ze ESIA.

I-SLR ayisayi kulusebenzisa uLwazi lwakho Buqu, ngaphandle kwangendlela evunyelweyo okanye efunekayo kwiinkqubo ze ESIA okanye njengoko kufuneka ngokoMthetho okanye yinkqubo karhulumente. I-SLR iya kusebenzisa amanyathelo okhuseleko asengqiqweni, nafanelekileyo ukuze ikhusele uLwazi lwakho Buqu, nokuthintela ngokusengqiqweni nawuphi umonakalo, ilahleko, okanye ufikelelo olungagunyaziswanga okanye ukuxelwa koLwazi lwakho Buqu, ngaphandle kwangendlela olufunwa ngayo yinkqubo ye ESIA okanye njengoko kufuneka kuwo nawuphi uMthetho okanye kwinkqubo karhulumente.

Ungacela ukuba uLwazi lwakho Buqu lucinywe kuvimba wolwazi weProjekthi okanye izimvo zingafakwa kwiiNgxelo ze ESIA nanini na ngokuqhagamshelana ne SLR. Noko ke, uyaqonda ukuba i-SLR (kunye nawuphi na amaqela agunyazisiweyo) asenokungakwazi ukulucima okanye ukulutshabalalisa ngenxa yezizathu ezingokwasemthethweni zenkqubo karhulumente. I-SLR iza kukunika izizathu.